UZingce uyintombazana ekrelekrele, ekwacinga ngokukhawuleza.

UZingce wanikwa iprojekthi yokulima. UZingce ufuna ukulima ingca kowabo.





UZingce wayengafuni kuncediswa. Wayexhala lokuba abantu bangahlekisa ngaye bathi; “khanimjongeni, uNosazi ucela uncedo.”

Uyinkwenkwezi eqaqambileyo ngokwenene nakwiklasi yakhe. Wayetyhala ngesifuba eletsheza ukwenza uphando xa efuna ukwenza nantoni na.





UZingce waya kwithala leencwadi esikolweni. Wakhangela incwadi engokulima.

“Le ncwadi yezityalo iza kundibonisa amanyathelo abalulekileyo emandiwathathe.” Watsho ecinga.

Wafumana incwadi efanelekileyo eyayiluncedo. UZingce ukrelekrele uyifumene ngokukhawuleza okukhulu incwadi.  Wayechulumancile.





UZingce waqala ngokususa ukhula, kodwa engenayo ingca yokutyala. Kwanyanzeleka ukuba athathe imali eyayikugcino.  “Ndiza kusebenzisa le mali endiyigcinelwe ngutata.”

Wathenga ingca wayityala. Igadi kaZingce intle inengca. Waqalisa ukunkcenkceshela ingca ayityalileyo. Wayesebenzisa itoti enemingxunya ukunkcenkceshela.





Ingca yaqala ukukhula iluhlaza intle. Emva kweentsuku waqaphela ukuba kukho izinambuzane egadini. “Ezi zinambuzane ziza kuyonakalisa ingca yam.”

Wayengenaso isibulali zinambuzane. Wayengenayo  nemali yokusithenga. Uza kwenza njani?  Angazibulala izinambuzane ngamanzi abilayo? Oku kuya kubulala nengca ayityalileyo.





Wathatha incwadi engokulima kwakhona.

“Iza kundivula ingqondo ndikwazi ukukhathalela le ngca.’

UZingce uqale wajonga isiqulatho sencwadi leyo. Wafumana iphepha elichaza ngendlela yokubulala izinambuzane.

UZingce wafumana indlela yokwenza esakhe isibulali zinambuzane. 'Le ncwadi iyaqonda ukuba ndingxamile. Indinika lonke ulwazi endiludingayo. Namhlanje, zonke ezi zinambuzane ziza kundazi.'





Ukuzenzela isibulali-zinambuzane kulula. UZingce wakufunda oku kwincwadi. Udinga ezi zinto zilandelayo:

Okokuqala, ugalela iikomityi ezine zamanzi kwijagi.

Emva koko ugalelele amacephe amahlanu esepha yezitya engamanzi.

Ukuze isibulali-zinambuzane sanele, kuzakufuneka uZingce anyuse umlinganiselo wakhe. Wagalela iikomityi ezingamashumi amabini zamanzi kwiemele.





Ngoku uZingce kufuneka agalele isepha. Zingaphi endizakuzidinga? Waqala wabala:

Iikomityi ezine - amacephe amahlanu
Iikomityi ezisibhozo - amacephe alishumi
Iikomityi ezilishumi elinesibini – amacephe alishumi elinesihlanu.

UZingce waqhubeka ebala wade wafikelela kwiikomityi ezingamashumi amabini. Le izakwanela. Wanelisekile ngoku uZingce. Ufunda imiyalelo.





Sebenzisa ibhotile yokutshiza.
Fefa yonke indawo enengca.
UZingce wayefefa ingca yonke imihla iiveki ezintathu.

Ingca kaZingce iyaphinda iyakhula, iluhlaza intle. Yingca ehlala iluhlaza yaka. Ingca idinga ukuchetywa.





UZingce wakhangela isikere esikhulu. Wahlala engceni waqala ukuyicheba. Wowu!!! Ingca intle kwaye iyalingana. Yingca ehlala iluhlaza yaka.

UZingce wonwabile. Ingca yakhe intle kakhulu. Intombazana ekrelekrele igqibile.  Ngoku unguZingce inkwenkwezi eqaqambileyo!



Ulwazi Lwethu

Readers

## Inqanaba 1

1. Izandi ezizizikhamiso
2. Izandi ezingamaqabane (b-j)
3. Izandi ezingamaqabane (k-r)
4. Izandi ezingamaqabane (s-z)
5. Vula, vala, vakala
6. Ukubala amagubu
7. Imbalela
8. Uziva njani uZazi?
9. UNunu noBobi
10. Idonki
11. Ipesika enkulu
12. UVuxa uthanda ucoceko
13. Isuphu emnandi
14. Amawele aluncedo
15. Qaphela Cokisa
16. USazi ufuna ukupeyinta
17. Ibululu esibayeni
18. UVela noVutivi
19. Iyakwazi ukubhabha

## Inqanaba 2

1. Umlilo
2. UKhabo nesigcawu
3. Ubuya nini uTata?
4. Mini emnandi Zazi
5. Amantombazana alusayo
6. Masonge amanzi
7. Iinwele ezinkulu
8. Basefama
9. Isifo seehagu
10. Usapho lwam
11. UKhosi uxakekile
12. Lina libalele
13. Ukonga uTatomkhulu
14. Ubomi bam basefama
15. Konke ngeetapile
16. Imvumi yodumo uMirriam Makeba
17. UNtombi ubhaqa isela
18. IShibhelani kaKulani

## Inqanaba 3

1. Soweto
2. Isipho esothusayo
3. Andiyithandi imifuno
4. UKhazi nombala obomvu
5. Izipho
6. Umjikelo wobomi besele
7. Uthando lwamawele
8. Umnyama kaNyansio
9. UPhumu owonwabileyo
10. Umnqweno kaLunje ufezekile
11. UMoli neekhrikethi
12. Uleqa phi Wenzile?
13. Amaqanda kaZodwa adukileyo
14. Isidudu esimnandi
15. Iinyosi
16. Ingwenya enentiyo
17. Amaxesha onyaka
18. Zinkulu kum
19. Isonka sikaNomsa
20. UMbali noBuhle

## Inqanaba 4

1. Impindezelo yenkunzi
2. Icebo elihle likaNtiyiso
3. Ibhola elahlekileyo
4. Batyelela umzi wogcino zilwanyana
5. Idyasi eguquliweyo
6. Ubuchule bukaNcinci
7. Badlala kuyo nayiphi imozulu
8. Imisebenzi yasekhaya
9. Ilokhwe entle
10. Umlimi uNtsika neenkawu
11. Amanzi ndawo yonke
12. Ubugqi bembewu
13. UPhila wonzakele
14. Isityalo esiphilisayo
15. Iindlela zabantu baseVenda
16. UQhawe uyalazi ixesha
17. Ugqirha uSooliman olungileyo
18. Amakhwenkwe akrelekrele
19. Iindlela zothutho
20. UGcina uzigcina esempilweni

## Inqanaba 5

1. Isiqalo esitsha
2. Inguqu kaNondwe
3. Intombazana ekrelekrele
4. Umsesane weXhalanga
5. Umdlali obalaseleyo
6. UThobile nezihlangu ezintsha
7. Imilambo yaseMzantsi Afrika
8. Imithi yaseMzantsi Afrika
9. Uphelelwe ngamanzi emzimbeni
10. Singcamla incasa yaseVenda
11. Utata wethu, umgcini wezilwanyana
12. Umkhuhlane
13. UNomadlakadlaka oligorha
14. Ingxaki egadini kaMakhulu
15. UStovi noStali
16. Iphupha likaSiviwe
17. Isihlangu esihle
18. UThwasa uphuthelwe
19. Ukulima
20. Ubuhlobo bokwenene
21. Umlobi

Ulwazi Lwethu yinkqubo esekwe ngenkxasomali yiZenex Foundation ukuvelisa uluhlu lweencwadi zokufunda nezinye izixhobo zokufundisa. Le nkqubo ijolise ekufundiseni nasekuxhaseni ukuphuhla kwesakhono sokufunda nokuqonda ulwimi lwasekhaya kubafundi abakumabanga aphantsi. Ezi ncwadi zihleliweyo zisungulwe ngeelwimi ezilithoba zaseMzantsi Afrika ngentsebenziswano phakathi kwamaqumrhu iMolteno Institute for Language and Literacies, iNelson Mandela Institute for Education and Rural Development, iRoom to Read South Africa neSouth African Institute for Distance Education. Zonke ezi zixhobo ziveliswe njengesibonelelo semfundo evulelekileyo nefumaneka simahla, iOpen Education Resources (OER) ngelasemzini.

Nceda undwendwele iwebhusayithi yethu ukuze ufumane ushicilelo olupheleleyo lwale ncwadi:: ***ulwazilwethu.org.za***

Creative Commons Attribution-NonCommercial-NoDerivatives (CC BY-NC-ND) 4.0 International Licence

Disclaimer: You are free to download and share this work as long as you attribute Zenex Foundation, but you may not change this work in any way or use it commercially.

ISBN: 978-1-77981-495-1